## IMIYALELO NENGCACISO

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Imibongo | (35) |

3. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

4. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

5. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

9. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.**

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5–8 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 9–12 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13–16 |

**ICANDELO B: IDRAMA**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.**

| | | |
|---|---|---|
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17–20 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21–24 |

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 *'Kanti andizenzanga'* | 18 | 25–26 |
| 6.2 *'Ndakuyicel'ivuthiwe'* | 17 | 27–28 |

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.**

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 *'Umama'* | 18 | 29–30 |
| 7.2 *'Ukwindla'* | 17 | 31–32 |



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ITSHEKLISTI

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amabini.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| | | | | |
| B | Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | | |
| C | Amabali amafutshane<br><br>('*Kanti andizenzanga*')<br>*('Ndakuyicela ivuthiwe')* | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | | |
| D | *Imibhongo*<br><br>*('Umama')*<br>*('Ukwindla')* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Ndingafana ndisesi sidla ubulongo, into engazi kwenzeka yona yile yokuba umane ucetyiswa emacaleni ufike sewuphefumlela phezulu, undibikela le nale emzini wam. Lungile, mayicace into yokuba la mahlahla akho akucebisa into yokuba ulungiselele abantwana bakowenu kuphela ukuze aba bakuthi ungabahoyi. Kwaye futhi into yixoxe nam kuqala uyeke ukufika undinike imiyalelo ngathi ndiyintombi yakho.

<u>Iwagqibe la mazwi seyifutha le ntokazi ngathi lirhamba eli lishukunyiswe belilele</u>. Ubunokuthi wakukhangela amehlo la ufike elongalonga, eyaluzela okwawenyushu.

"Mfum, uthetha imfungumfungu yodwa mfazindini. Kwaye ndiyakukrokrela ngathi ikho le ishiya ezinye. Eli gwebu unalo liyakuphambanisa. Yiyo le nto mna ndisuka izinto ndizenze ndingadlulanga kuwe ngamanye amaxesha kuba usuke uvukwe yintlamba engakhiyo. Into oyingxamelayo yingxabano kuqala, uze uthi wakudibana nenyoka iphunga umhluzi, uthi naku naku uLungile ekhohlakele. **Andizimisele kuyiphendula yonke le nanana undinqikela** yona ngaphandle nje kwale: uThamsanqa uza kuza kuqhuba le venkile endaweni yam. Andinqweneli enye ingxoxo ke kungenjalo uya kudibana nenye into."

"Musa ukuyihlonipha loo nto. Yithi uza kundenza ingqongqo le uqhele ukundenza yona undibethela la manyundululu akho."

1.1.1 Xela igama ledolophu eyayikuyo le venkile kaLungile. (1)

1.1.2 Nika isizathu esibe ngunobangela wale ngxoxo iphakathi koLungile nenkosikazi yakhe. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.1.3 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa elibonisa ukuba umfazi kaLungile wayenomsindo ogqithisileyo. (1)

1.1.4 Khankanya zibe MBINI iindaba zobuxoki awayezithuthelwa nguNozilo uNomakhwezi. (2)

1.1.5 Inika ngcinga ni le ntetho kaLungile ibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaNozililo zokuzenza umhlobokazi kaNomakhwezi? (2)

1.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uLungile ebembona okomntu oshiywa ziingqondo umfazi wakhe. (2)

1.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo ilapha ngezantsi.

ULungile wathi uThamsanqa makaze nosapho lwakhe lonke xa esiza kuncedisa evenkileni. (2)

1.1.9 Ingaba uYolisa waphumelela ukuyinqanda intombi yomnakwabo xa yayibonisa ukungamhloniphi umyeni wayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sikaNomakhwezi sokumamela iindaba azithuthelwa ngabahlobokazi bakhe ngokwalapha ebalini. (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawonye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Le nto yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokuncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrisimesi. Nalaa nto kwakuxanjuliswana ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo **aminxwa** kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi koSondlo noMosia. Kwaba nzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibelene nabo bevalelwe ngenxa yesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando, alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokufa komntu owabulawa ngamapolisa, ityala lanyanzeleka ukuba liye ejajini.

Bakhanyela mpela ukuba babenento yokwenza nokuqulunqwa kweyelenqe lokutshisa. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeshwe nguNozililo babeyimigulukudu eyaziwayo, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahlonelekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olo hlobo nabantu abaziwa ngobugulukudu.

OoNozililo bayikhanyela into yokuba abavani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babeziitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngaloo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka.

1.2.1 Chaza isiganeko esabangela ukuba uNozililo nomyeni wakhe babanjwe. (2)

1.2.2 Nika intsingiselo yebinzana “yaduka esithubeni” elikwisicatshulwa esingentla. (2)

1.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekelelo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.2.4 Cacisa ukuba simfake njani engxakini uNtongana isenzo sokulukuhlwa nguNozililo ukuba alwele ukufumana ivenkile yakwaNtsibande. (2)

1.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni ngoNozililo isenzo sokuqesha imigulukudu ukuba itshise ivenkile kaMpumelelo. (2)

1.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

1.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ugqirhakazi owatshata noMpumelelo | (i) uNowenti |
| (b) Unyana kaNozililo noNtongana | (ii) uThembisa |
| (c) Udadobawo kaNomakhwezi | (iii) uYolisa |
| | (iv) uMalungisa |

(3 x 1) (3)

1.2.8 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Le noveli (yinoveli engolwaphulo-mthetho/engemiba yentlalo). (1)

1.2.9 Ingaba isenzo sikaMpumelelo sokwakha isibhedlele eLusikisiki saba sisigqibo esifanekileyo ngokolwazi lwakho lwebali?
Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – MAP NGANI

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Kuloo mgubhululo eyaba yeyokugqibela kuHlobo yaba kukufunda nganye nganye kwisipha seencwadi ezazibhalelwe uEddie. Inkoliso yazo yayizezivela kuLinda. Uziphe ixesha umfo kaHlobo, enyamezela ukuva loo mfeketho yeendaba zomfazi obhala ethe thwanga lisoka lakhe. <u>Wayephatha kudibana nemfitshimfitshi yobukhwele ibe ngamasososo okungaphumeleli kwakhe edingeni labo noEddie, ibe kukubhobhoza kwakhe ngempahla entsha, ibe kukuphindaphinda ebisenzeka ngomhla othile benoEddie – yonke loo nto ixelelwa umntu oyaziyo ebisenzeka</u>.
Ukunyamezela kwakhe uHlobo kuvuzwe ngento ephathekayo. Kuthe sekunini, wagagana neyona ncwadi eyaba nomdla kuye. Leyo yayibhalwe ngezolo – isisijungqana kodwa ithwele lukhulu. Yayisithi:
"Dear Eddie,
Andisaphumeleli ukuya ebhayaskophu ngokuhlwa nje. Sebenzisa naantso imizuzwana ndikunika, udibane nesithandwa sakho sesibini. Sendiqonda ukuba sesona usixabisileyo. Mna ndifunyenwe yingqele.
Ndim, Linda."
Uncume yedwa okaHlobo. Uyithathe loo ncwadi wayifaka kwincwadana aqokelela kuyo amanqakwana awazuza xa aphandayo. Udlulele kwezinye koko akafumananga nto yimbi ithe yanomdla.
Ukusuka apho, ufike eofisini yakhe sekungqengqe phezu kwetafile intaphane yamaphepha avela kwi-ofisi enkulu yamapolisa. Uwe kuwo kwangoko. Uthe nje ukuba awagqibe ukuwafunda, wabhekisa kuLiziwe ngelizwi elirhabaxa namhlanje.
"**Lizzie, amapolisa abuye ze mfondini**. Bendithe makakhe aye kuhlola indawo yomonakalo phezolo."

2.1.1 Xela igama lesitalato eyayikuso indlu kaEddie. (1)

2.1.2 Nika isizathu sokuba uHlobo andwendwele indlu kaEddie ngale mini. (2)

2.1.3 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa elibonisa ukuba ezinye zeeleta ezazibhalelwa uEddie nguLinda zazithetha nje into engenamsebenzi. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

2.1.4 Khankanya zibe MBINI izinto ezazibangela ukuba uLinda abe ngumrhanelwa wokuqala ekufeni kukaEddie nesinqandamathe sakhe. (2)

2.1.5 Inika ngcinga ni le ntetho kaHlobo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaHlobo zokuya eFemina House? (2)

2.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uHlobo wade wayifumana eyona nto wayeyifuna. (2)

2.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo.

ULinda Monti nguye owabulala uEddie nesinqandamathe sakhe. (2)

2.1.9 Ingaba uHlobo waphumelela ukufumana obona bungqina kwiofisi yakwaNdabazabantu eHill Street? (2)

2.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sikaThembisa Ntlokonkulu sokuzenza uNkosikazi Hobe emapoliseni? (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Indlela ayemjonge ngayo uHlobo yayicacisa ukuba akakholelwa ncam yinto ayithethayo. Kodwa athi akumjonga lo soka-dala womcuphi, afike kumntu ongavelisanga nelinye izinyo. Wayezulazula endlwini elinde ukudamba kwaloo ngxolo yezikhalo zababanjiweyo. Kwathi ze kucace emapoliseni ukuba ngokwenene akaqhuli uHlobo, afunda ulusu lwabo babetyholwa. Babebibitheka, abanye **bemhunyhamhunyeka** bejonge phantsi.

Uthe uHlobo akuqonda ukuba zithothile izikhalo nomothuko, wabhekisa kumabanjwa akhe: "Phikani ukuba niyatyholwa!"

Cwaka.

UHlobo uthe guququ kumapolisa angoogxa bakhe ngelithi, "Mhlawumbi nina bantu bangazinto niya kuthi ze nikholelwe kweli phupha ndililawulayo, nive into ethethwa kulo mshini ndiwuphetheyo."

Utsho equbula la *tape recorder.* Uyichukumise apha naphaya, wabuya wathi, "Phulaphulani ke."

Cwaka endlwini.

"Linda, sithandwa sam, uqalile ukuthetha umshini: NguEddie lo uthethayo. Ndifuna ukukuxelela ukuba komnye wemisonto yale *tape recorder* kukho incoko eyayiphakathi kwam nezihlobo zam zaseMoonglow – uThembsie Ntlokonkulu, uThemba Mdoda, uKhulile Ndungana noWelile Nzulube.

"Bandifikela endlwini ngomhla weshumi kuJanyuwari 1960. Le *tape recorder* ndiyivulele bengazi bona, ndayicholachola yonke incoko eyayiphakathi kwethu. Oko ndikwenze ngokurhanela into, emva kokuba besisoloko singavisisani ngezase*Moonglow.*

"Uya kuzivela nawe izinto abazithethileyo. Kambe mna andizifake ntloko. Yonke le ncoko ndisenakho ukuyisa emapoliseni koko andithandi."

2.2.1 Chaza isiganeko esabangela ukuba uEddie enze ushicilelo *kwitape recorder.* (2)

2.2.2 Nika intsingiselo yebinzana "ongavelisanga nelinye izinyo" elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla. (2)

2.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekelelo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.2.4 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uEddie ukungakuvumeli ukuthengiswa kwentsangu eMoonglow? (2)

2.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni isenzo sikaJoe Bumba sokuya emapoliseni ukuze ancedise kuphando ngokufa kukaEddie noLulama. (2)

2.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

2.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) USomashishini owayethengisa utywala eMonti | (i) uLinda Monti |
| (b) Intokazi kaEddie eyasweleka naye kwingozi yemoto | (ii) uNkosikazi Hobe |
| (c) Umakazi kaEddie owayehlala kuKomani | (iii) uLulama |
| | (iv) uMaKheswa |

(3 x 1) (3)

2.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Le noveli (yinoveli engolwaphulo-mthetho/engemiba yentlalo). (1)

2.2.9 Ingaba isenzo sikaEddie sokushicilela incoko phakathi kwakhe namalungu aseMoonglow yaba sisigqibo esifanlekileyo ngolwazi lwakho lwebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 3: UMONWABISI – ZA JAPHTA

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA E

Wayothukela ngaphakathi ke le yamantombazana abambe imidiza uHlubikazi. Wathi khunubembe phezu kowakhe umandlalo ebukele. "Yhu kutheni ingathi wothukile nje? Ingaba uyaqala ukubona amanenekazi atshayayo?" Yabuza leya yokuqala intombi itsala kuhle kumdiza owawuceketheke kuhle kwiminwe ebhityileyo. "Ha-hayi andothukanga S-sisi." Waphendula watsho uHlubikazi, zimyile iintloni ngokuqatshelwa ngabo, kanti ngenene wayebabukele ngokothuka okukhulu.

Hayi suka Sxosh, awuboni ukuba ngumsila lo, useneentloni zokufika. Akunjalo sana?

E-ewe ndiyafika sisi, wavuma uHlubikazi bukoyika kuba ebesele ezivile iindaba ezibuhlungu ngabafikayo apho esinaleni. O-o, arha torho, ndiyabona ke ngoku. Musa ukoyika wena sana, asizi kukwenza nto thina. Asikholelwa thina yiloo mbanxo yokufaka abantu esinaleni, kwaye ithandwa ngabaseMzimkhulu loo ntlondi.

Yatsho leya yokuqala isatsho ngemicwe yomsi ukuphuma emlonyeni.

"Nakuthi babefuna ukuyenza loo ntlondi kulo nyaka uphelileyo koko sabakhupha kwezo ngqondo sabafaka kwezethu. **Yhu koobani bona!**" Yatsho le ibikade ithule kucaca ukuba yiyo le ineso sibindi. Izibilini zehla kuHlubikazi kuba esiva ukuba uhleli nabantu abangakholelwa ekufakeni abanye esinaleni.

Waqonda ukuba uya kuyixolela leyo yemidiza kuba encwase ukukhuselwa. Ebesele egqibe ukuba uya kuzishiya apho ezo ntombi ukuya kufuna indawo yokuhlala nabantu abasimilo sifana nesakhe.

Tyhini, sancokola nomntu singamazi!

3.1.1 Xela ibanga elaliza kufundwa nguHlubikazi kwesi sinala. (1)

3.1.2 Nika isizathu sokuba athi khunubembe phezu komandlalo wakhe uHlubikazi? (2)

3.1.3 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa elibonisa ukuba uHlubikazi wayengumfundi omtsha kuloo sinala. (1)

3.1.4 Khankanya zibe ZIBINI iziphumo zokuhlobana kukaHlubikazi nezi ntombi esinaleni. (2)

3.1.5 Inika ngcingani le ntetho yale ntombi ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

3.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaHlubikazi zokuzenza umhlobokazi wezi ntombi? (2)

3.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba lwehla uvalo kuHlubikazi akuva ukuba akazokuntlontwa esinaleni. (2)

3.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo ilandelayo.
UHlubikazi wafunda waphumelela emagqabini esinaleni. (2)

3.1.9 Ingaba uMaMtolo waphumelela ukuqeqesha iintombi zakhe ngendlela yokuziphatha ngokolwazi lwakho lwebali? (2)

3.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sikaHlubikazi sokulibala ingqeqesho yabazali bakhe akufika esinaleni? (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Babuya kolunye lweehambo zabo bebaliselwa iindaba noko ezaba mbi. Bafika amashishini evaliwe kungekho nelinye kuwo elisebenzayo. UMonwabisi wababalisela ukuba kwiveki engaphaya kwaleyo yayiphelilile kwafika amagosa karhulumente ajongene nezakhiwo, ulwakhiwo lwazo nokhuseleko lwazo. Afika ke apho kwaSihlunu adenda zonke ezo zakhiwo zaloo mashishini akhe, ngelithi zonke zidala ngoko ke mazidilizwe kuba zaziyingozi kubo bonke abangena okanye abasebenza kuzo.
Loo myalelo ke wawubangelwe yinto yokuba kwathi kukho inkanyamba ehamba nomoyakazi omkhulu kwawa esinye sezo zakhiwo kwenzakala abantu abaliqela ababengaphakathi kuso ngelo xesha. Befika zivaliwe nje ezo zakhiwo kungokuba loo magosa akazange avumele mntu osondela kwa-ukusondela kuzo. Wema nematha uThandabantu exakwe yinto amakayenze. Eneneni zona ezo zakhiwo zazisele zizidala kungekuko ukuba uyamonelwa kwathini.

Iminyaka engaphaya kwamashumi amathathu ayedlulile zakhiwayo. Ingxaki ke yaba kuye kuba ukuzidiiliza yayithetha ukuba sisiphelo sakhe eso kuba ngokwengeniso yazo yayiza kuba yinkcitho ukuphinde akhe ezinye kuba kwa-ezi zazingenayo. Phinda ke ukhumbule ukuba uRhadebe ngulowo **wabetha ngenqindi phantsi** esithi akungekhe kuthengiswe nelinye kuloo mashishini akhe. Eyona nto yamfaka engxakini ke yiloo nkcitho wayejongene nayo nokuba wayeza kuthatha siphi kwezo zigqibo wayejongene nazo.
Njengaye nawuphi na ke usomashishini, uRhadebe wayengayifuni kwaphela inkcitho kude kugqithise kuye njengokuba wayesele aluphele.

UMamTolo waqonda ukuba makathule akhe ayiyeke indoda yakhe izibonele, kuba kaloku yena kwakukade ecebise ukuba athengiswe amashishini kodwa yala, ngoku ke ayengenako ukuthengiswa ngenxa yaloo meko akuyo ayeza kuba nenkcitho, nkcitho leyo wayengayifuni uRhadebe.

3.2.1 Chaza isiganeko esabangela ukuba zidendwe iivenkile zikaThandabantu? (2)

3.2.2 Nika intsingiselo yebinzana "wema nematha" elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla. (2)

3.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekekelo ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

3.2.4 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uThandabantu ukungakuvumeli ukuthengiswa kwamashishini akhe amadala ngokwengcebiso kaMamTolo. (2)

3.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni ngoMonwabisi isenzo sokuvuma ukongamela izakhiwo zikaThandabantu ngexesha esesibhedlele. (2)

3.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

3.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Igqwetha elabeka uMonwabisi ukuba alawule amashishini kaRhadebe ngelixa egula | (i) uHlubikazi |
| (b) Unyana kaRhadebe owasweleka kwingozi yebhasi. | (ii) uZangone |
| (c) Intombi kamamTolo eyatshata ngaphandle kwemvume yabazali bayo. | (iii) uNobuntu |
| | (iv) uGcinumzi |

(3 x 1) (3)

3.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Le noveli (yinoveli engolwaphulo-mthetho/engemiba yentlalo). (1)

3.2.9 Ingaba isenzo sikaThandabantu sokungavumi ukuthengisa amashishini akhe saba sisigqibo esifanelekileyo ngokwazi kwakho ibali? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

LONI: Le tasi yekabani?

NDILA: Yeyam.

LONI: Ifuna ntoni apha?

NDILA: Nam ndithe nqa ukuba ifuna ntoni na apha

MAZIKO: Mfondini, Dicksie, lungis'umlomo lo xa kunje.

LONI: Kutheni le nto uthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo?

NDILA: Obuphi utywala?

LONI: Obu buphezu kwetafile.

NDILA: Ukuba ibubobam ngebungekh'apha. Manene sanukuthi nakudinwa ndim kwesi sikolo nindimbele ingcwaba ndijongile.

LONI: Xa uzimbela ingcwaba ngokwakho, unga ungaya kulala kulo nababukeli?

MAZIKO Manene, siyawuphosa umhlola. Ndila mfondini, vuma ityala nokuba alingomafutha. Uthi uLiziwe uthunywe nguwe, kwaye le tasi yeyakho.

NDILA: Andazani natywala. Ndithume uLiziwe itasi yam endlwini qha, qwaba ke.
Enye imfungumfungu le nindotha ngayo yimigibe nje yenu kwaye indoda izizibeke kakuhle izabatha, izibeke ngobunono zingagqibi ithafa.

LONI: Izabatha zantoni?

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha
Tyhila iphepha
Hosted by www.ecexams.co.za.

NDILA: Ukuba ufuna ukundibeka ityala undise ngaphambili, qhuba ngoku indlela ingekazali ziimbovane. *What is the charge preferred against me?*

LONI: *Drunkeness during school hours, alternatively, corruption of school children.*

NDILA: Kanti abantu abangaseliyo banje ukuf'ingqondo?

LONI: *Second charge. Insurbordination and inefficiency.*

NDILA: Ungawacula onke loo matyala. **Andisayi kuze ndibe yintsika yakho njengooSammy aba**. Udaka olutyatyekwe phezu kwesamente luxobuka zingekakhali nokukhala ezesibini iinkukhu.

4.1.1 Xela igama lentombazana eyayithunywe utywala nguNdila. (1)

4.1.2 Nika isizathu sokuba uNdila abizelwe kwi-ofisi kaMnu.Loni. (2)

4.1.3 Chonga ibinzana kwintetho ekrwelelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba uNdila akanayo indlela yokuthetha. (1)

4.1.4 Khankanya zibe MBINI izinto ezenziwa nguLoni ezabangela ukuba naye aphelelwe ngumsebenzi. (2)

4.1.5 Inika ngcinga ni intetho kaNdila ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

4.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaNdila zokudibanisa uMawonga noFuneka? (2)

4.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uNdila utyhola ooLoni ngokumbeka ityala angalaziyo kuba befuna ukuba aphelelwe ngumsebenzi. (2)

4.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo.

UNdila wathenga uMaziko ukuba amthethelele angagxothwa yikomiti yesikolo kwintlanganiso awayebizelwe kuyo. (2)

4.1.9 Ingaba uMaziko waphumelela ukuthatha isihlalo sikaLoni ngokolwazi lwakho lwebali? Cacisa. (2)

4.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sikaMawonga sokunxila ngexesha lomsebenzi? (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

NDILA: Zingi, izinto ezibuhlungu azipheli, zikhula zaluphale nomntu.

ZINGIWE: Yintoni ngoku Dicksie?

NDILA: Mfondini! Ndirhoxile emsebenzini namhlanje ngenxa yeemeko.

NONCEBA: O! Uthini na Dicksie? Akuqhuli iyawa nguMawonga?

ZINGIWE: Kudala ndimxelela uDicksie ukuba ukukhonza uMawonga kukubusa nokumilisela ubukumkani beempukane.

NONCEBA: Suka wethu, akuphilwa ngasikolo sodwa. Zisaqhuma iitshimini phaya eMonti. Niphi na nina Sammy xa uDicksie esiwelwa ngumgodi?

ZINGIWE: Baphi ntoni na? Ingamahlakani kaMawonga nje lawo?

MAZIKO: Kanti ukuba benisazi! Ndixhaphe ndisom'amagwebu ndicamagusha, ndafa namthanyana. UDicksie lo angandingqinela. Ngaphaya koko, uDicksie uxhelwa ngumntu onezakhe izishiqi, koko azinamneki lucingweni.

ZINGIWE: Unyanisile Sammy. **Makungalalwa**. Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana. Ndakumenza azi ukuba inkwali iyakwazi ukuphandela enye ingenathole.

MAZIKO: Kanti unyanisile ingathi uyadlala nje. Eli ilizwe alifuni nkenenkene. Ukuba indoda ikutshisa ngesomnga isikhuni yityabule nayo ngentsimb'ebomvu.

NDILA: *Life is full of surprises – Mediocre men do climb to the topmost rung of the ladder of life, whilst brilliant men are often obscured by their brilliancy on which they rely without reservations.* Loo nto ayithethi into yokuba mabathi abaphumelele ngethamsanqa ukuziphepha izabatha zobomi, mabadobelele abo bathwetyulwe zizo.

4.2.1 Chaza isiganeko esabangela ukuba uNdila arhoxe emsebenzini. (2)

4.2.2 Nika intsingiselo yebinzana "ndafa namthanyana" elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla. (2)

4.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekelelo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

4.2.4 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uMawonga ukugxothisa uNdila emsebenzini. (2)

4.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni isenzo sikaNomawele sokuya emapoliseni ukuze ancedise kuphando ngokufa kukaMawonga Loni. (2)

4.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

4.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM A nenkcazelo ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Intombi eyayithandana noMawonga | (i) uNomadinga |
| (b) Umhlobokazi wenkosikazi kaMawonga | (ii) uFuneka |
| (c) Unkosikazi kaNdila | (iii) uZingiwe |
| | (iv) uZanele |

(3 x 1) (3)

4.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Le drama (yintlekele/yintlekele siyolisi). (1)

4.2.9 Ingaba isenzo sikaMawonga sokuzibulalela kwaFuneka saba sisigqibo esichanekileyo ngokolwazi lwakho lwebali?

Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M. Mlokoti

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Hayi yonke into ihlangene Mlungu, besikunye izolo. Uza kumbona kule veki izayo nakanjani. |
| NYOKA: | *(Ejika ejonga ekunene)* Nomhase nawe Kuku! |
| BOBABINI: | *(Besothuka)* Mlungu! |
| NYOKA: | Nina nobabini ndifuna ningene eCala, ininzi into eqhubekayo phaya, ndibafuna apha abaya bantwana. Niyandiva? |
| BOBABINI: | Siyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | *(Ephakama ebashiya)* Kulungile, masidibane kule veki izayo, ndifuna iziphumo ukubuya kwam. *(Aphume engxamile engangaqheliseli).* |
| KUKU: | Kowu! Akagezi ngako! Etsho ngesinqe esiphezulu nje. *(Enyevula)* "Ndifuna iziphumo, ndifuna iziphumo." Yhini le! Ngubani yena? |
| BONKE: | *(Bayahleka)* |
| KUKU: | Loo nto ngumnyiki apha omile kakubi. Andiyazi nale nto yeebhulukhwe ezibanjwe ngamakrisbhanti. |
| BONKE: | *(Baphela yintsini).* |
| KUKU: | Kanti! Imini iyakuze ibenye. <u>Ndiyakuze ndiwugqabhuze kunuke umswane laa mnyiki ndiyanixelela.</u> Landihlutha ubuntombi bam ndisemncinci gqithi **ela luku-luku lenja**. |
| NOYONGO: | *(Amehlo elila iinyembezi kukuhleka)* Hayi wethu Kuku khawuyeke ukusibulala ngentsini kwakusasa. Wasihlutha sonke ubuntombi bethu laa mnyiki. Sakuba sathini ke? Silapha ngoku. |



Hosted by www.ecexams.co.za.

| | | |
|---|---|---|
| NOMHLASE: | *(Engenelela)* He wethu mfazi, uthi umfumene njani na wena lo mntwana kaNcaphayi, njengokuba sitsala nzima nje thina ukufumana aba bantwana? | 25 |
| NOYONGO: | *(Eqhuzuka yintsini)* Ndimhlabe *iBlack Berry* nkazana. Ikhona enye! Yho! Sisidudla sekhomishini yam esi sana! | |

5.1.1 Xela igama lalo mntwana kaNcaphayi kuthethwa ngaye apha kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Nika isizathu esibangela ukuba uKuku amcaphukele kangaka uThambolenyoka. (2)

5.1.3 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa elibonisa ukuba uThambolenyoka wayetyebe kakhulu. (1)

5.1.4 Khankanya izehlo zibe ZIBINI ezifunyenwe nguDina ezibangelwe kukuthemba uNoyongo. (2)

5.1.5 Inika ngcinga ni le ntetho kaKuku ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

5.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaNyoka zokungenisa intlanganiso nabasebenzi bakhe phambi kokuba aye eMtata? (2)

5.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba bonke abasebenzi bakaThambolenyoka wabaxhaphaza ngokwesondo. (2)

5.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo ingezantsi.

UNoyongo wancedisana noNyoka ukugxotha uDina akukhulelwa. (2)

5.1.9 Ingaba uMatshezi waphumelela ukumqeqesha uDina ngokolwazi lwakho lwebali? Cacisa. (2)

5.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sikaDina sokungathobeli ingqeqesho yabazali bakhe. (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| ZANOXOLO: | Hayi ungothuki mntakatata akukho nto. Ndithe nje mandikubize sidlane iindlebe. Ikhona wena into endothusileyo. |
| DINA: | Ndiphulaphule bhuti. |
| ZANOXOLO: | Xa bendisothula impahla phaya emotweni yakho nezi ntwana, ndibone le nto. *(Watsho esithi rhuthu incula abeyifake phantsi komqamelo).* |
| DINA: | (*Wothuka kodwa wazibamba)* Ewe bhuti. |
| ZANOXOLO: | Hayi mntan'asekhaya ayindiphathanga kakuhle konke-konke le nto. Yintoni Dina? Wahamba nencula enje yona ukukhohlakala, yaye asiyiyo nencula ngumkhonto lo. Uyabonakala ukuba mtsha kraca. Yintoni Dina? |
| DINA: | *(Esothukile edanile)* Hayi sesinye sezixhobo zaphaya emsebenzini bhuti. |
| ZANOXOLO: | Hayi kaloku sisi, **andingomntwana**. Soze nithi ningabalindi bamabanjwa ejele nisebenzise isixhobo esinje. Yintoni Dina? |
| DINA: | *(Wathula ejonge phantsi).* |
| ZANOXOLO: | Uyabona dadethu, nokuba yintoni na le leyo uyiqulathileyo sisi ungakhe ulinge uthabathele umthetho ezandleni zakho. Uncede sisi. Nokuba kuyintoni na, ungakhe ulinge uthabathele umthetho ezandleni zakho. |
| DINA: | Hayi akhonto bhuti. |
| ZANOXOLO: | Hayi ndiyakuxelela sisi. Ndiyakwazi kaloku ungudade wethu ndikhula nawe. Ndiyakwazi ukhule nzima. Neentlungu oogqithe kuzo ndiyazazi. Nobunzima oqhubeka ujamelene nabo khona ngoku ndiyabazi. Kodwa kuyo yonke into Dina, undincede mntwana'sekhaya ungakhe ulinge uthabathele umthetho ezandleni zakho. Ingalo yomthetho inde sisi. Iya kubuya nawe nokuba kunini na. |
| DINA: | Hayi ndiyakuva bhuti. |

5.2.1 Chaza isiganeko esaziwa nguZanoxolo esibangele ukuba amnqade uDina akumbona ethenge incula. (2)

5.2.2 Nika intsingiselo yebinzana “sidlane indlebe” elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla? (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

5.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekelelo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

5.2.4 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uDina ukuthandana kwakhe noPhasta. (2)

5.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni isenzo sikaDina sokuya kuGxalaba ukuze ancedise ekubanjweni kukaThambolenyoka. (2)

5.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)

5.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Umlindi kaThambolenyoka owayeqhuba imoto eyayileqa uDina | (i) Mbotoloshi |
| (b) Utatomncinci kaDina ohlala eKapa | (ii) Sdokhwe |
| (c) Usajini wesikhululo samapolisa eNgcobo | (iii) Mkhefa |
| | (iv) Macebo |

(3 x 1) (3)

5.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Le drama (yintlekele/yintlekele siyolisi). (1)

5.2.9 Ingaba isenzo sikaDina sokuwisa ubukumkani bukaNyoka esebenzisana noGxalaba saba sisigqibo esifanelekileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli Candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Kanti andizenzanga – EZ Guqa
- 'Ndakuyicela ivuthiwe' – EZ Guqa

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kula mabali mafutshane uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

### 'KANTI ANDIZENZANGA' – EZ Guqa

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Isimbo samadoda agqobhozileyo besingothusi kuyaphi kumadoda angayanga sikolweni kuba kaloku ebekho nje kanobom amadoda anxiba amacici kule lali, ngokungakumbi amadoda asebenza emgodini. UMntuyedwa yena akanxibanga nje amacici aqhelekileyo emadodeni, koko lawo ayokozelayo anxitywa ngabantu basetyhini. Kuthe kusajongwe leyo, woluka iinwele zakhe lo mfo waqaba nemilebe yomlomo wakhe bomvu.

Olu nyawo lwenze ukuba kukhe kubizwe imbizo komkhulu ngenjongo yokukhalimela le meko. Ubizelwe komkhulu uMntuyedwa, wayalwa ngamadoda elali ukuba ahlukane nezimbo zobufazi. Ubuzwe imibuzo ethande ukumothusa ebengayilindelanga noko kubantu abangabazali. UMfihlelo, enye yala madoda, ukhe wamcothozisa lo mfo embuzo ngelithi,

"*Khawutsho ke mfo wam, ukuba ubunendlela yokuzikhethela phakathi kobudoda nobufazi ubungakhetha yiphi kwezi zinto zimbini?"*

*"Mna, bawo, bendingazikhethela ukuba ngumntu wasetyhini."* Uphendule ngolo hlobo umfo kaXhalabile kubonakala ukuba yonke le nto uyibethisa ngomoya. Amadoda ajonge phantsi adumzela **kubonakala ukuba uyavungama umzi.**

Imbizo imkhulule uMntuyedwa ukuba makagoduke alindele isigqibo samadoda. Ukhe wathalalisa efuna ukuqonda ukuba ngaba uphendule ngendlela engafanelekanga na, koko amadoda athe anelisekile gqitha luhlobo aphendule ngalo. Imbizo yenze isigqibo sokuba kuthunyelwe uNtandoyakhe, indod'empuluswa, kwaMadam aye kuxela ukuba amadoda elali akonwabanga kwaphela kukutyedela ebufazini bukaMntuyedwa.

6.1.1 Xela igama abizwa ngalo umama kaMntuyedwa. (1)

6.1.2 Nika isizathu sokuba abizelwe kwimbizo yakomkhulu uMntuyedwa. (2)

6.1.3 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa elibonisa ukuba uMntuyedwa wayengenaxesha lale nto ayibuzwayo. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

6.1.4 Khankanya zibe MBINI izinto ezazibonakalisa ukuba uMntuyedwa akamkelwa ngabantu baseSikhobeni. (2)

6.1.5 Inika ngcinga ni intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

6.1.6 Zaziyintoni iinjongo zikaMadam zokuya kumfundisi waseSikhobeni? (2)

6.1.7 Nika ulwazi olulapha kwisicatshulwa olusixelela ukuba uNtandoyakhe wayeyindoda engenazo iindevu. (2)

6.1.8 Ngqina ukungachaneki kwale nkcazelo.

UMntuyedwa zange amke eSikhobeni nangona wayegxothiwe ngamadoda elali. (2)

6.1.9 Ngqina ukuba uMadam zange aphumelele ukukhusela unyana wakhe ukuba angagxothwa eSikhobeni ngokokwazi kwakho ibali. (2)

6.1.10 Sifundisa ntoni isenzo sokungamkeleki kukaMntuyekwa kwilali yaseSikhobeni ngenxa yendlela adalwe ngayo? (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## NDAKUYICELA IVUTHIWE – EZ GUQA

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA L

Akuhambanga xesha lide uNokwanda elishiyile ikhaya lakhe, uQolwana wazifunela umfazi. Intombi ibihlala nonina eThekwini. UQolwana ufikile kowabo ngeny'imini ehamba nomfazi wakhe. Wavuya unina ukuqonda ukuba ukumka kukaNokwanda akuvulanga sikhewu. Umfazazana wenzelwe utsiki, abizwa namadoda akwaNdlambe ukuba aze kuzimasa itheko. Angxolile la madoda ukuba <u>ebanjiswe into esinqeni</u> engayazi nokuba ibiqale kanjani na. Ukuba ibingekho inyama ingxolo ngeyithande ukuba qatha, koko amaqatha enyama enza ukuba amadoda akhe aqwalasele ephambi kwawo asele umhluzi, axole. Into ekhe yawaphazamisa kukufumanisa ukuba ezinye iinkomo zekhazi likaNokwanda zathengiswa ngeenjongo zokulobola umntwana waseThekwini.

Enye indoda ikhe yabuza ukuba ikhazi elo lalichotshelwe ngubani, koko uQolwana waxela ukuba yonke loo nto wayenza nonina womfazi. Ahlafunile amadoda kubonakala ukuna akahlafuni nje inyama kuphela, koko **ahlafunisisa** nale nto ayixelelwa ngunyana wamaNdlambe. Emva kwexesha, sekufuna ukulibaleka uMluleki, isankonde sakwaNdlambe, senjenje ukuthetha, "Qolwana, mntwana wam, ndimdala ndingaka nje. Into enje ngale uyenzileyo asilosiko lalapha. Kumcimbi wekhazi akakho umntu osina ezombelela. Umtshato asiyinto yakho nomfazi wakho. Kuyafuneka ukuba nabanye abantu babenenxaxheba abayidlalayo, kuba le nto yenu iya kuhamba ihambe nabany'abantu. Ukuba ubulumkile mntwana wam ngowungahambanga ngale ndlela, kodwa ke umntu akabuboni ubudenge bakhe."

6.2.1 Chaza isiganeko esasibangela ukuba avuye kangaka umama kaQolwana xa uQolwana efika nomfazi. (2)

6.2.2 Nika intsingiselo yebinzana "ebanjiswe into esinqeni" elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa singentla. (2)

6.2.3 Lizisa wuphi umfanekiso-ntekelelo igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

6.2.4 Cacisa ukuba kumfake njani engxakini uQolwana ukutshata intombi engawabandakanyanga amadoda akwaNdlambe. (2)

6.2.5 Chaza ukuba sityhila ntoni ngoQolwana isenzo sokungababandakanyi abantu abadala bekhaya xa elobola intombi. (2)

6.2.6 Xela ukuba esi sicatshulwa sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

6.2.7 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nenkcazelo ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Inkosikazi kaQolwana | (i) | Ndikuni |
| (b) | Udade kaQolwana omalekelayo | (ii) | Mluleki |
| (c) | Ixhego lakwaNdlambe | (iii) | Nozukile |
| | | (iv) | Nokwanda |

(3 x 1) (3)

6.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Eli bali (libali elingolwaphulo-mthetho/libali elingemiba yentlalo). (1)

6.2.9 Ingaba isenzo sikaQolwana sokuchophela ikhazi nonina womfazi yaba sisigqibo esifanelekileyo ngokwazi kwakho ibali?

Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo kukho imibuzo esetwe kule mibongo ilandelayo:

- 'Umama' – H.M Dandala
- 'Ukwindla' – Z. Mtumane

Phendula yonke imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S. Maputi nabanye

Funda izicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA M**

**UMAMA – H.M. Dandala**

Intomb'entle eyabonwa ngubawo,
Imana ukunyathela kuhle emzini kayise;
Iququzela imana ithatha ibeka;
Ze kubekho ukuqaqamba emzini kayise!

Ube eyibone kuqala iphakathi,
Kwezinye iintombi emfundweni;
Ngolusu nesihomo ibe ifanelekile
Noxa ngesithomo ibe ingabhekele phi;
Ngoncumo isamele.

Intliziyo ithathe ibeka
Kumfana oneenjongo,
Enombono ngendlu kayise;
Ezibona eqoqosha usapho,
Elukhomba-khomba elubonisa indlela
Eyahanjwa ngooyise nooninakhulu;
Ethi abantwana nabo.
Baya kuhamba kwangaloo ndlela,
Ukuze baye emfezekweni.

Indlela eyaphambili,
Iya kufuna abantu abathobileyo;
Bethe khu iBhayibhile yokuhamb'indlela;
Behlabanisela ngosiba;
Bevika ngomthandazo;
Besetyisa ngeengoma zakuloYesu.

Wayibona ubawo intombi
Ezithweleyo ezi mpawu zenkqubela,
Waland'ekhondweni layo,
**Njengebhaku** lilanda emkhondweni wenyamazana,



Hosted by www.ecexams.co.za.

Ijakadula ikhululekile;
Inqumla imifula neenduli zenkululeko;
Noxa ekhe wadumzela ezibika,
Akaxolanga engayibonanga,
Xa iduda, itshila nezinye iintokazi
Zingqina ngee-ankile zokuphila.

7.1.1 Xela ukuba imbongi ithi yabonwa ngubani le ntombi ibongwayo. (1)

7.1.2 Nika injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo-sikhamiso olufumaneka kumqolo woku-1 walo mbongo. (2)

7.1.3 Chonga igama elisisithetha-ntonye segama ubude kumqolo wesi-8. (1)

7.1.4 Thelekisa isakhiwo sangaphandle sesitanza -1 nesitanza 2. (2)

7.1.5 Khankanya iimpawu zenkqubela phambili zibe MBINI ezikwisitanza sesi-4 ezazijongwa ngumfana kwintombi afuna ukuyenza umfazi. (2)

7.1.6 Tolika okuqulethwe ngumqolo 24 ngokomxholo walo mbongo. (2)

7.1.7 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelwe umgca kumqolo we-27. (2)

7.1.8 (a) Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwizibiyeli. Igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wama-28 …

(sisikweko / sisifaniso / sibaxo). (1)

(b) Siphuhlisa ntoni isafobe osikhethe ku (a) ngokwalo mbongo? (1)

7.1.9 Cacisa okuthethwa ngumqolo wama-31. (2)

7.1.10 Iphuhlisa ntoni imbongi kumqolo 33–34? (2)

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA N**

**UKWINDLA**

Xeshandini laseKwindla,
Thina bantu siyakukhahlela,
Sikubhotisa sikwamkela,
Ngenxa yokulunga kwakho.

Ixesha elipholileyo,
Elingenangqele naqabaka.
Nelanga lalo asilolikaQilo,
Imboni ethile yasemaXhoseni,
Eyakha yatheth'isimanga,
Yath'ingayiphelis'imbalela,
Ine yona imvula,
Liyeke ukugqats' ilanga,
Suka laqa**ts**el'ukugqa**ts**a oku
Ukuze nje kuthiwe lelikaQilo.

Ngawe xeshandini kuba mnandi,
Kuba yintlutha macalana onke,
Ngakumbi kwabo **bangaqhokrwanga zandla**,
Abazilungiselele kwakuqala,
Kanye ngexesha leNtwasahlobo,
Ukuya kungena kulo iHlobo,
Ngokulim'amasimi nezitiya,
Belungiselel'umhl'ozayo.

Lixesha lokudl'ukubila kwendoda,
Ikudla ngokwayo nentsapho yayo,
Incede neendwadunge zasekuhlaleni,
Kodwa ke makhab'akuthi,
**Indod'i**tyukubila kwelay'ibunzi,
Ingaty'ukubila kwelenye **indoda.**

Izisu zabantwana ziba yimipatsiya,
Ekhutshwe ngaphandle ngathi kuya dliselwa.
Isigezo naso siqatsele,
Kubantwan'abahluthayo kaloku,
Bade basuze naphakathi kwabantu,
Besenziwa yintlutha yoKwindla.



Hosted by www.ecexams.co.za.

Umxhaxha nayo isophu,
Ukutya kwezikhuthali kaloku.
Ibhaqolo neenkobe zombon'omtsha,
Ukutya kwaseKwindla mfondini.
Ungazibala zonk'izidlo,
Ezivel'ekuvunweni kwasemasimini,

Nezitiya zamadod'angonqeniyo.
Inene Kwindla siyakubhotisa.

7.2.1 Chonga igama elisetyenziselwa ukubulisa kumqolo wesi-3. (1)

7.2.2 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi nelanga lalo asilolikaQilo kumqolo wesi-7? (2)

7.2.3 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwezi zilandelayo.

Isimamva esibhalwe ngqindlili kwigama uxesha**ndini,** elikumqolo we-15 sisetyenziselwe:

A Ukugxeka
B Ukuncoma
C Ukukhalaza
D Ukukhondoza (1)

7.2.4 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-2. (1)

7.2.5 Ingaba ibinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo 17 sisaci okanye liqhalo? (1)

Lizisa ntsingiselo ni kula mqolo likuwo? (1)

7.2.6 Cacisa okuphuhliswa yimbongi kumqolo wama-23. (2)

7.2.7 Khankanya iimpawu zibe MBINI ezibonakalisa intlutha kwisitanza sesi-5. (2)

7.2.8 Xela iindidi zokutya zibe MBINI ezikhankanywe yimbongi kwisitanza sesi-6. (2)

7.2.9 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwizibiyeli.

Isixhobo sohlalutyo esibhalwe ngqindilili kumqolo-27 nomqolo 28 … (Luphinda-phindo / luxwesiso / yimvano-siqalo). (1)

7.2.10 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.11 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



Hosted by www.ecexams.co.za.